

Auxin hosted by	Iziko lokuFunda nokuFundisa (i-CTL)
Title of your presentation - Please ensure an explicit link to teaching and learning.	Abafundi bafunda umxholo omtsha ekhaya baze bawuxovule esikolweni.
Title and name of presenter	Ruth Andrews
Short biography of presenter - 50 – 100 words	U-Ruth Andrews ukhokhela iOfisi yeKharityhulam eyiMfihlo kwiYunivesithi yase-Stellenbosch (SU). Indima yakhe ngoku ibandakanya ukuqulunqa isicwangciso-qhinga sokuqondwa kwe kharityhulam eyiMfihlo nokuphunyezwa ngentsebenziswano neQela ukuze ibe yegqwesileyo kwinkalo yokufunda ngamava. U-Ruth unesidanga se-BA: KwiThiyoloji (SU); i-MBA: Kubunkokheli kwezoShishino (e-RU) kwaye ugqibezela izifundo zobuGqirha (i-PhD): Kubunkokheli kwiMfundo ePhakamileyo (e-RU). Njengenkokheli kwezemfundo, u-Ruth ukholelwa ngamandla ekuphuhliseni nasekudibaniseni iindlela ezintsha nezicwangcisiweyo zokufunda nokufundisa. Ngokwenza njalo, ngokwamazwi ka-Colby and Sullivan’s (2009) athi, “yenza ingxoxo ebandakanya umlinganiswa, iinqobo ezisesikweni, iinqobo ezisemgangathweni, ubulungisa, ibe nentsingiselo, ibonise ukukhathalela umntu, nokusombulula iingxaki kwakunye nokucinga nzulu”, iya kuba sisiseko sokuvela kwamava okufunda atshintshayo kubafundi beYunivesithi yase-Stellenbosch (SU).
Summary / introduction of your presentation. - 150 – 250 words - Include conclusions and/or implications for teaching and learning at SU. - We use this to invite attendants to your Auxin presentation.	Umgaqo-nkqubo wokuFunda nokuFundisa weYunivesithi yase-Stellenbosch (SU) uthi, uphuhliso olupheleleyo lwabafundi lubandakanya ukudibanisa ikharityhulam kunye neKharityhulam eyimfihlo. Ikharityhulam eyimfihlo izalisekisa indima ekufumaneni iimpawu zesidanga, esinxulumanisa iimpawu zesidanga kwisakhelo sobuchule sokuphunyezwa angaphakathi nangaphandle kwamava okufunda eklasini, ngeenjongo ezingezizo zesidanga. Iindidi ngeendidi zemisebenzi yekharityhulam eyimfihlo ziyafumaneka ukulungiselela uphuhliso olupheleleyo lwabafundi. KwiYunivesithi yase-Stellenbosch, ikharityhulam eyimfihlo kukufunda okusekelwe kubuchule, ukuze buvumele uphuhliso nokuvavanywa kwezakhono oluhambelana nemisebenzi, noluntu, nobulungisa bezentlalo, kunye nolwazi ngezoluleko. Le nkcazelo-ntetho ibandakanya indima esele yenziwe yi-Ofisi yeKharityhulam eyiMfihlo, ukusukela ngowe-2018 ukuza kuthi ga ngoku, ekuphuculeni nokuphanda ngokwaneleyo Ubuchule besiCwangciso-nkqubo, nokuqhubela phambili ukomeleza izakhono zabafundi ekuphumezeni kumava abo okufunda ngaphandle nangaphakathi kwaseklasini, ukuququzelela ukufunyanwa kweempawu zesidanga njengoko kuchaziwe yiYunivesithi yase-Stellenbosch. I-ofisi yekharityhulam eyimfihlo ifumene inkxaso-mali ye-FINLO ngowama-2020 ukuze iphonononge uphuhliso lwezixhobo zovavanyo lobuchule ze zisetyenziswe kwikharityhulam eyimfihlo nakwikharityhulam. Uphando (umz. Dreyfus, Miller, Ten Cate, Van der Vleuten, McClelland, Prifti); uthotho lweendibano zocweyo loyilo lobuchule kunye nomsebenzi wezandla nosele ugqithelwe lixesha lokuphuhlisa ubuchule obusekwe kwizakhono zovavanyo kunye

	nezixhobo. Le projekthi yeyokuqala yoMzantsi Afrika kumfutho wemfundo eya kuthi iphumeze ukudityaniswa ngokupheleleyo kwekharithulam nekharithulam eyimfihlo, nokufunda ngamava kunye neerubrikhi zovavanyo zokuziphatha kuyilo lokufunda.
Recommended reading - Please provide bibliographic information of 2 or 3 easy-read articles / chapters on the topic, directly related to teaching and learning at SU). - Please include DOI and/or hyperlinks to the article, to ensure access.	Bartram, D., & Roe, R. A. (2008). Individual and organisational factors in competence acquisition. In <i>The learning potential of the workplace</i> (pp. 71-96). Brill. Miller, G. E. (1990). The assessment of clinical skills/competence/performance. <i>Academic medicine</i> , 65(9), S63-7. Dreyfus, S. E., & Dreyfus, H. L. (1980). A five-stage model of the mental activities involved in directed skill acquisition. California Univ Berkeley Operations Research Center. Hammer, M. R., Bennett, M. J., & Wiseman, R. (2003). Measuring intercultural sensitivity: The intercultural development inventory. <i>International journal of intercultural relations</i> , 27(4), 421-443. Taylor, P. J., Russ-Eft, D. F., & Chan, D. W. (2005). A meta-analytic review of behavior modeling training. <i>Journal of applied psychology</i> , 90(4), 692. Bandura, A., & Walters, R. H. (1977). <i>Social learning theory</i> (Vol. 1). Prentice Hall: Englewood cliffs.
Key words	Ikharithulam; Ikharithulam eyiMfihlo; Ubuchule kwiiMpawu zesiDanga;
Date of presentation	23 kuAgasti 2022, ukusuka ku-12:45 ukuya ku-13:45 Ixesha laseMzantsi Afrika.
Venue	MSTeams
Enquiries	Simbongile Ntwasa [sim@sun.ac.za] Lucy Lucks [llucks@sun.ac.za]